URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loCwangciso loKuphathwa noLawulo lwamaZiko:
ICandelwana leZikolo eziKhuselekileyo

Isalathiso: 20170124-7605
12/12/45
Imibuzo: OK Apollis
SN Sheik Ismail

ISetyhula: 0005/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kumaSekela Balawuli; kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uLawulo noKuphathwa kwaBasebenzi ngoBuchule (*SIGPM*); kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam; kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo ezikolo zikarhulumente eziziiprayimari nakwizikolo eziziisekondari

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa izikolo ngenkxaso enikwa liCandelwana leZikolo eziKhuselekileyo kunye nemisebenzi yabathathi-nxaxheba abahlukeneyo abakwiWCED ngokungqinelana nolawulo lwezokhuseleko lwezikolo.*

Isihloko: Ulawulo lwezokhuseleko lwezikolo

1. **Intshayelelo**

1.1 Le setyhula mayifundwe neeSetyhula 0099/2000 no-0031/2012 (**isiHlomelo A**), nakuba kunjalo, yona ayithathi ndawo yenye yezi setyhula.

1.2 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) nemibutho yootitshala ixhalabile lizinga lolwaphulo-mthetho olukwiindawo zabahlali abayinxalenye yezikolo zethu. Imigaqo i-*Regulations for Safety Measures at Public Schools* icacisa gca ngeendima, imisebenzi namanyathelo ekufuneka alandelwe ngokuphathelele kwimiba yezokhuselo nokhuseleko kwizikolo zikarhulumente. Fumana apha kuqhotyoshelwe umgaqo-sikhokelo womthetho ochaphazelekayo **njengesiHlomelo B**.

1.3 Le setyhula inenjongo yokukhumbuza izikolo ngemisebenzi yeCandelwana leZikolo eziKhuselekileyo neendima kwanemisebenzi yabathathi-nxaxheba abahluka-hlukeneyo ngokuphathelele kwezokhuselo nokhuseleko ezikolweni. Kucelwa ufumane apha kuqhotyoshelwe ilisti yabathathi-nxaxheba abahluka-hlukeneyo **njengesiHlomelo C**.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: +27 21 467 2000 fax: +27 21 483 7658
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

2. **Iinjongo zeCandelwana leZikolo eziKhuselekileyo**

ICandelwana leZikolo eziKhuselekileyo linesicwangciso esinamacandelo amathathu esinxibelelene neenkalo ezintlanu zenkqubo.

2.1 Esi sicwangciso sinamacandelo amathathu siqulethe:

(a) *ulawulo lolwaphulo-mthetho* ngokulungiswa kwendawo, njengokubiya okungephi (nganeno kweemitha eziyi-30), ii-*burglar bars*, ii-alam nenkonzo yokuphendula kuxhotyiwe (*armed response*);

(b) *uthintelo lolwaphulo-mthetho* ngokugxininisa ekutshintsheni iingcinga okanye indlela yokuziphatha (iinkqubo zophuhliso lwabafundi, ootitshala nabazali); kunye

(c) *neenkqubo ezingokusebenza kwenkqubo* kugxininiswa kuphuhliso lwenkqubo, kubudlelane nabantu basekuhlaleni kunye nobuhlakani obusebenza ngempumelelo (ubuhlakani namanye amasebe kwakunye nanamaziko angekho phantsi kukarhulumente, ubudlelane nabantu basekuhlaleni).

2.2 Iinkalo ezintlanu zale nkqubo zinenjongo:

(a) yokuphucula iinkqubo zokhuselo nokhuseleko esikolweni (isebe eliphambili koku yi*WCED* – amabhunga olawulo, iiKomiti zoLawulo lweZikolo (*School Management Teams*) (*SMTs*)), amaBhunga aMele aBafundi (*RCLs*) (*Representative Council of Learners*) (*RCLs*) kunye neeKomiti ezijongene nezoKhuseleko lweZikolo (*School Safety Committees*) (*SSCs*));

(b) yokuphucula iinkqubo zolawulo lokhuseleko lwezikolo (isebe eliphambili koku yi*WCED* (iCandelwana leZikolo eziKhuselekileyo));

(c) yokuququzelela ukunyanzeliswa komthetho ngokufanelekileyo (isebe eliphambili koku yiNkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika (*South African Police Service*) (*SAPS*));

(d) yokwakha umoya wobumbano kubantu basekuhlaleni (*cohesive school-community culture*) abayinxalenye yesikolo kusetyenziswa inkqubo egxininisa kubahlali ukusombulula iingxaki (isebe eliphambili koku liSebe lezoKhuseleko loLuntu (*Department of Community Safety*) (*DoCS*)); kunye

(e) nokunciphisa usetyenziso gwenxa lweziyobisi (isebe eliphambili koku liSebe lezoPhuhliso lweNtlalo (*Department of Social Development*) (*DSD*)).

Kucelwa uqaphele ukuba i*WCED* idlala indima yokunika inkxaso kwiinkalo zenkqubo apho amanye amasebe wona adlala indima ephambili.

3. **Iinkonzo zeCandelwana leZikolo eziKhuselekileyo**

Ziyafumaneka ezi nkonzo zilandelayo zeCandelwana leZikolo eziKhuselekileyo:

3.1 Uqeqesho kwezempilo nokhuseleko emsebenzini (*Occupational health and safety* (*OHS*)

- Ukuxhobisa ootitshala ekwenzeni izicwangciso zokunciphisa imingcipheko nenyathelo eliya kulandela ngethuba lezongxamiseko.

- Ukusekwa kweKomiti yezoKhuseleko yeSikolo esebenzayo (*School Safety Committee*) (*SSC*).
- Uqeqesho lweKomiti yezeMpilo noKhuseleko eMsebenzini (*Occupational Health and Safety Committee*).
- Ukuphuhlisa ezi zicwangciso zilandelayo: i-*Safety/Contingency Plan*, i-*Disaster Management Preparedness Plan*, i-*Business Continuity Plan* kunye ne-*Industrial Action Contingency Plan*.

3.2 Uqeqesho olujongene nosetyenziso gwenxa lweziyobisi

(a) Uvavanyo lweziyobisi

- Ukubonelela ngezixhobo zokuvavanya iziyobisi ezinamacandelo ngamacandelo (*multi panel drug testing devices*) noqeqesho ekusebenziseni ezi zixhobo nasekugcineni iirekhodi.
- Ukuqaphela kwangethuba abasebenzisi beziyobisi nokubafaka kwiinkqubo zokubaphuhlisa ngezakhono.
- Ukuphucula inkqubo yezikolo eziqatshelweyo ngokuzinika uncedo nenkxaso ejoliswe kuzo.

(b) Iinkqubo zokusetsha nokuhlutha iziyobisi

- Ukuququzelela oomasifundisane abaphathelele kwisikhokelo sokusetsha okungacwangciswanga kwanokuhlutha iziyobisi (*random search and seizures*).
- Ukunika iimpendulo ngazo zonke izinto ezidala intandabuzo nezingacacanga kakuhle.
- Ukuqinisekisa ngenkqubo yokubuyisela izimilo zabafundi esiqhelweni kusetyenziswa izakhono zobomi neenkqubo zokubasusa kwizenzo zolwaphulo-mthetho nokubenza bajongane neziphumo zezenzo zabo (*diversion programmes*) ukwenzela ukuba abafundi baxhotyiselwe ukuba nako ukulawula ubomi babo.

3.3 Ulawulo lwempixano nokulamla kwabafundi abangoontanga (*peer meditation*).

- Ukuxhobisa ootitshala nabafundi ngezakhono eziyimfuneko zokukwazi ukusombulula impixano ngokwakhayo.
- Ukuxhobisa abafundi ukuba bamisele iqonga labalamli abangoontanga.
- Ukuncedisa izikolo ekulawuleni impixano.
- Ukwenza utshintsho oluncomekayo kwindlela yokuziphatha esikolweni.

3.4 Uphuhliso lwezakhono zolutsha

- Ukuxhobisa ngezakhono zobomi abafundi abasemngciphekweni, ukuthintela iingxaki ezisenokuvela okanye ukubanceda bakwazi ukujongana ngcono neemeko ezikhoyo ezinxulumene nokukhulelwa kolutsha, ezesini (*sexuality*), impatho-gadalala ngezesondo (*sexual abuse*), usetyenziso gwenxa lweziyobisi (*drug abuse*), ukungalingani ngokwesini, ubundlobongela obujoliswe kwisini esithile (*gender-based violence*), i-*HIV* ne*AIDS*, ubuhlanga nezinye iingxaki zezentlalo.
- Ukwabelana nabafundi ngengcaciso.

- Ukufikelela kubahlali abayinxalenye yesikolo ngokusebenzisa iinkqubo zokufunda ezenziwa ngethuba leeholide kunye nezo zenziwa emva kweenkqubo zesikolo.
- Ukuba nempembelelo eyakhayo kubafundi nakubahlali.
- Ukwenza iinkqubo zokulungiselela ukubuyela kwabafundi esikolweni kwakhona (*back-to-school programmes*).
- Ukuseka iiklabhu zolutsha ezisebenzayo. Iiklabhu zolutsha zisebenza njengombuthwana weBhunga eLimele aBafundi (*Representative Council of Learners* (*RCL*)).
- Ukuququzelela iikhempu zolutsha.

3.5 Inkxaso yabafumene umothuko (*trauma support*) – kunikwa inkxaso eyodwa ngethuba lesehlo esidala umothuko.

3.6 Kukhuthazwa amaziko emfundo ukuba makafumane inkxaso enikwa liCandelwana leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools*) yaye asebenzise ezi nkonzo zingentla ngokwenza isicelo sazo (uqeqesho, iinkqubo nokunika uncedo) ngokubhala incwadi egqithiselwa kuMququzeleli weZikolo eziKhuselekileyo weSithili (*District Safe Schools Coordinator*). Ezi zicelo zichaziweyo maziquke iimfuno zokhuseleko zeziko elichaphazelekayo.

4. **Uqhagamshelwano lwenkxaso yabafumene umothuko nemigaqo yezonxibelelwano**

4.1 Khon' ukuze kube nokuququzelelwa inkxaso yabafumene umothuko makuhanjelwane mbo nale misebenzi ilandelayo ngaba bathathi-nxaxheba bachaphazelekayo:

(a) INqununu—
- inxibelelana neZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo;
- iyalela iKomiti yezoKhuseleko yesikolo ukuba mayongamele imeko (*ungenelelo ngoncedo*);
- inxibelelana nosapho lwalowo uswelekileyo okanye wenzakeleyo;
- yazisa umphathi wesekethe nebhunga lolawulo (*ukunika ingcaciso*);
- ihlala ikhona yaye iyayinika inkxaso;
- inika ingcaciso eyiyo kubafundi, kubasebenzi nakubazali;
- iwachitha njengamampunge amarhe ngokuthi inike ingcaciso eyiyo ehlaziyiweyo; yaye
- ilungiselela ukunika impendulo efanelekileyo.

(b) IKomiti yezoKhuseleko yeSikolo (eyikomitana yebhunga lolawulo) iqhagamshelana naba—
- IZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo
- Abeenkonzo ze*SAPS*
- Abezonyango
- Abazali
- Inqununu

(c) IKomiti yokuNika iNkxaso yeSikolo (*School-Based Support Team*) (*SBST*)/utitshala (iqeqeshelwe ukunika inkxaso yenqanaba lokuqala ngokwasengqondweni nangokwezentlalo))—

- igqithisela ingcaciso okokoko isakuba iyinikiwe yinqununu;
- inika uncedo kwiklasi echaphazelekayo ithathela ingqalelo amanyathelo afanele iminyaka yobudala babafundi;
- ixoxa ngokugqithiselwa komfundi kwiingcali (kwabafundi) ekungenzeka ukuba afune ingcebiso ye*SBST*;
- inika amanyathelo awenziwayo ukunciphisa umothuko yaye ivakalise iimvakalelo zayo ngokusebenzisa ezobugcisa (*artwork*), umculo, ukubhala, njl. njl.;
- ifaka isehlo esidala umothuko kwinkqubo yekharityhulam; yaye
- ikhuthaza abazali banike inkxaso kubantwana babo kuzo zonke ezi nkqubo zenziwayo.

(d) IZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo—

- lisebenza njengeziko eliququzelelayo ekwenziwa kulo iinkqubo zokugqithisela abafundi (*referrals*) kwii-arhente ezifanelekileyo nalapho ingcaciso ebalulekileyo ithunyelwa khona ukusiwa kumaqela achaphazelekayo;
- abantu abafowunayo bafumana ingcebiso kusetyenziswa i-intanethi xa befowuna ngethuba lentlekele baze bathi abo bantu bafowuna kungekho ntlekele bathunyelwe, apho kuyimfuneko, kwii-arhente zengcebiso ze*WCED*, kwii-arhente ezingekho phantsi kukarhulumente nakwimibutho yasekuhlaleni; yaye
- kungaqhagamshelwana nalo ngefoni yasimahla u-**0800 45 46 47** okanye i-imeyili safeschools.wced@westerncape.gov.za ngokuphathelele kokulandelayo:
  - ezongxamiseko/iintlekele (umz. ubundlobongela bemigewu, umothuko)
  - ulwaphulo-mthetho olwenzeka esikolweni (umz. ukuqhekeza nokonakaliswa kweempahla, ukukhuthuza, ubusela, ukubetha ngokwasemzimbeni, njl. njl.)
  - impatho-mbi (umz. ngokwasemzimbeni, ngokweemvakalelo, ngokubetha emzimbeni, ngosetyenziso gwenxa lweziyobisi, ungcungcuthekiso ngokwesondo (*sexual harassment*), impatho-gadalala ngokwesondo (*sexual abuse*), udlwengulo, ukushishina ngabantwana (*child trafficking*), ukungabahoyi abantwana)
  - imibuzo ngokubanzi (umz. ukukhulelwa kolutsha/ukuqhomfa; imiba yezamabhunga olawulo – *ukunqunyanyiswa (suspensions), ukugxothwa (expulsions), iingxaki zokuziphatha, iyunifom yesikolo, ubhaliso lwabafundi, ukuhamba isikolo ngokunyanzelekileyo neefizi zesikolo*; i-*HIV/Aids*; njl. njl.).

(e) UMququzeleli weZikolo eziKhuselekileyo (kwi-ofisi yesithili)—

- uyafumaneka ngawo onke amaxesha yaye uyeka yonke eminye imisebenzi;
- unxibelelana noMphathi wezeNkxaso kuBafundi (isayikholojisti yezemfundo eneqhuzu (*senior educational psychologist*) kunye/okanye isuphavayiza yoonontlalo-ntle) ngokuphathelele kwisicwangciso sokunika inkxaso;
- uhlola imeko nohlobo lwenkxaso efunekayo (ukwenza oko ngokubambisene neNtloko yezeNkxaso yaBafundi);
- unxibelelana neZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo;
- unika inkxaso abahlali abayinxalenye yesikolo kwiinzame zabo zokubuyisela izinto esiqhelweni nokufumana kwakhona ulawulo lwemeko;
- uquka uncedo yaye alungiselele uququzelelo alwenza ebambisene nee-arhente zonyanzeliso-mthetho;
- unika ingcaciso ehlaziywe ngokutsha kubo bonke abachaphazelekayo;
- uqalisa ngeenkqubo zongenelelo ngoncedo ukuqaphela ezona zinto zingoonobangela kwanamanyathelo othintelo ngenjongo yokulawula nayiphi imeko;
- wandisa okanye wongeza naziphi iziseko ezibonakalayo zophuhliso lokhuseleko lwezikolo(*physical security infrastructure*) eziyimfuneko;
- unika ingxelo kuMphathi wezeNgcaciso, uLawulo noKuphathwa kwaBasebenzi ngoBuchule (*SIGPM*);
- ugcina umphathi wesekethe esazi ngokuqhubekayo; yaye
- agcine irekhodi yabafundi nootitshala abachaphazelekayo aze anike inkxaso yokulandelela inkqubo.

(f) UMphathi wezeNkxaso yaBafundi (okwi-ofisi yesithili)—

- uhlola imeko nohlobo lwenkxaso/longenelelo ngoncedo olufunekayo (ngokubambisene nomququzeleli wezikolo ezikhuselekileyo);
- unxibelelana nesayikholojisti yezemfundo eneqhuzu (*senior education psychologist*) kunye/okanye isuphavayiza yoonontlalontle;
- ulawula isicwangciso sokunika inkxaso ngokwasengqondweni nangokwasentlalweni ebambisene nesayikholojisti yezemfundo eneqhuzu kunye/okanye isuphavayiza yoonontlalontle;
- uququzelela inkxaso esuka kumalungu ekomiti yenkxaso yezemfundo yabafundi abaneemfuno ezizodwa (*special learner education support*) (*SLES*)) ukunika inkxaso kwiinkalo zonke;
- ungenisa incwadi ebhaliweyo enika izizathu ezithethelelayo (*written motivation*) kwiZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo ukuba kuye kwayimfuneko; yaye
- unika ingxelo kumphathi wesekethe.

(g) Isayikholojisti yezemfundo eneqhuzu kunye/okanye isuphavayiza yoonontlalontle (ekwi-ofisi yesithili)—

- iba khona ngoko nangoko yaye inxibelelana nesikolo ngaloo mini inye;
- ithumela isayikholojisti kunye/okanye unontlalontle (iisayikholojisti kunye/okanye oonontlalontle banike inkxaso kubafundi nootitshala;

- yazisa isikolo ngesicwangciso sokunika inkxaso esicetywayo;
- ikhangela indawo (iindawo) yokuqhubela itheraphi yokufumana ingcaciso nokuthetha ngokwenzekileyo (*debriefing*)/ ukunika ingcebiso;
- igcina iirekhodi zabafundi nootitshala abachaphazelekayo, inika inkxaso elandeliswayo yaye ikwabelana ngengcaciso namahlakani aziingcali (*professional partners*) achaphazelekayo kujongwe ukufezekisa ezona mfuno zibalulekileyo zomfundi; yaye
- inika ingxelo kwiNtloko yeze*SLES*.

(h) Umphathi wesekethe (okwi-ofisi yesithili)—
- ubeka esweni yaye unika inkxaso yezolawulo kwinqununu/kwisikolo; yaye
- ugcina umlawuli wesithili esazi ngokuqhubekayo.

(i) Umlawuli wesithili—
- wongamela inkxaso enikwa izikolo; yaye
- ugcina uMlawuli oyiNtloko weZithili esazi ngokuqhubekayo.

(j) Abasebenzi abenza uphando becandelwana leZikolo eziKhuselekileyo — banika inkxaso kumququzeleli wecandelwana lezikolo ezikhuselekileyo.

(k) UMphathi weze*SIGPM* (okwi-ofisi yesithili)—
- uyalela umququzeleli wecandelo lezikolo ezikhuselekileyo ukuba athathele kuye lonke ulawulo noxanduva lokuququzelela;
- uyalela umphathi wesekethe ukuba athetha-thethane nenqununu; yaye
- unika ingxelo kumlawuli wesithili.

5. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

6. Ndinqwenela ukucela bonke abachaphazeleka ekwenzeni izikolo zethu zibe ziindawo ezikhuselekileyo kubo bonke abantwana ukuze kube nokuqhubeka ukufunda nokufundisa okusemgangathweni njengento ebekwa phambili ngokobaluleko ngamaxesha onke.

ISAYINWE: NGU**-**BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-02-17

Western Cape Government
Education

Directorate: IMGP
Education Safety Management: Safe Schools

Reference: 20120810-0028
13/12/45
Enquiries: Nariman Khan

Circular: 0031/2012
Expiry date: None

To: Deputy Directors-General, Chief Directors, Directors, Deputy Directors, Circuit Team Managers, Heads: Curriculum Co-ordination & Advice, IMG Managers, and Principals and Governing Body Chairpersons of public primary and secondary schools
Short summary: This circular introduces the revised Safety in School Science Policy and Protocol

Brief summary: Reporting of school crime and abuse

Subject: Safe Schools Call Centre – Reporting of school crime and abuse

1. This circular must be read in conjunction with Circular 0099/2000 and does not replace that circular, but reiterates the function of the Safe Schools Call Centre and encourages the ongoing reporting of ALL school crime and abuse. The school must take the initiative in encouraging the community to report all incidents of crime and violence to the Safe School Call Centre. This could be done through safety-related messages in all school correspondence sent to parents.

2. The Safe Schools Call Centre

   - can be reached at toll-free number **0800 45 46 47**;
   - provides immediate, free, online communication to learners, parents and teachers needing help, guidance or information regarding education-related issues (The aim is to assist educators and learners to teach and learn in a safe, crime-free school environment.);
   - is open from Monday to Friday, 07:00 to 16:00, and is situated at the WCED Head Office on the second floor;
   - provides a service in the three official languages of the Western Province: Afrikaans, English and Xhosa;
   - serves as a co-ordinating centre from which referrals are made to appropriate agencies and from which vital information is disseminated to the relevant parties; and
   - is linked with an extensive network of service providers that support the work of the Call Centre.

3. Current Operations

Callers receive online debriefing during crisis calls and, during non-crisis calls, are directed, when necessary, to the counselling agencies of the Western Cape Education Department, non-governmental organisations and community organisations.

Members of school communities are encouraged to telephone the toll free number **0800 45 46 47** with regard to the following:

Emergency or Crisis

Call Centre agents respond to these calls immediately. They will contact the South African Police Services or the applicable emergency service with regard to the following:

- **Gang violence**
  Gang violence and its disruption of normal teaching and learning have reached alarming proportions in some areas of the Western Cape. The Call Centre will ensure that schools receive assistance in dealing with gang presence on the school premises, gang intimidation and threats, gang shootings and gang killings.

- **Trauma**
  The Call Centre will provide assistance in the event of any traumatic incidents, such as accidental deaths, suicides, hijackings, missing persons, bomb scares and weapons on school premises.

School Crime

The Call Centre responds to all incidents of school crime by offering advice on the procedures that need to be followed and by informing the relevant authorities with regard to the following:

- Property-related crime at schools, such as burglaries, arson, theft, robberies and vandalism

- Physical assault, for example stabbings, fighting and intentional inflicting of injuries

Abuse

Child abuse in communities and in educational institutions has become a serious problem. All abuse calls are handled sensitively. Initial counselling or guidance, based on the *Abuse No More Protocol* is given when necessary. The Call Centre responds to the following forms of abuse:

- Physical or emotional abuse
- Child neglect
- Sexual abuse and rape
- Sexual harassment
- Corporal punishment
- Substance abuse
- Racial discrimination
- Child trafficking or teenage runaways

General Queries

The Call Centre provides information or advice on the following:

- Teenage pregnancies and abortion
- HIV/AIDS
- General educational matters, such as governing body issues, suspensions, expulsions, trespassing, behavioural problems, school fees, registration of pupils, school uniform and compulsory school attendance

Service Providers

The Call Centre networks with a wide range of service providers: inter- and intra-dependent, non-governmental organisations, community organisations and faith-based organisations. These organisations contribute to the Safe Schools' efforts to create a safe learning environment at our schools, and are valued for their time, commitment and support.

4. Make our school environment safe. Help by reporting all incidents of school violence, vandalism, crime and any other form of abuse to the Safe Schools Call Centre at toll-free number

0800 45 46 47.

You are not alone. We are here for you.

SIGNED: PA VINJEVOLD
HEAD: EDUCATION
DATE: 2012-08-24

Western Cape Government
Education

ADDENDUM B

Relevant Legislation, Policies, Documents, Manuals

- Abuse no more: Dealing Effectively with Child Abuse, WCED On-Line Guide;
- Batho Pele Principles;
- Checklist and Procedures to ensure implementation of Safety Measures during the School Holiday. 16/2014
- Checklist for the implementation of legislative provisions of the SASA No.84 1996 and other related provisions
- Child Justice Act (No. 75 of 2008)
- Circulars on Answering of Telephones and Enhanced Service Delivery; to WCED Clients (Circular 0082/1996 and Circular 0027/2000);
- Code of Conduct for Public Servants;
- Compensation for Occupational Injuries and Diseases Act (COIDA) (Act 181/1993) South African Schools Act (SASA) (Act 84/1996)
- Constitution of South Africa (Act 108 of 1996)
- Constitution of the Western Cape Province Act (1997)
- Contingency Minute – 0006/ 2011
- Corporal Punishment and Bullying
- Criminal Procedures Second Amendment Act (Act 85/1997)
- DOE Code of Conduct – 24/20089
- Employment of Educators Act (EEA) (Act 76/1998)
- Firearms Control Act (Act 60/2000)
- Government Gazette 22754, 2001: Notice 1040
- Government gazette No. 29000, Notice 876 of 2006
- Learner Attendance Policy. Government Gazette No. 33150
- Managing Safety and Security within Western Cape Education Department(Safe Schools Procedural Manual);
- National Crime Prevention Strategy (NCPS) (National RDP Office, 1996)
- National Educational Policy Act (Act 27/1996)
- National School Safety Framework (2015)
- Occupational Health and Safety Act (OHSA) (Act 85/1993)
- Protected Disclosure Act, no. 26, of 2000
- Regulations for safety measures at public schools. Government gazette No 29378
- Safe Schools Procedural Manual
- Searches and Seizure, Drug testing – 24/ 2011
- Sexual Violence in schools
- Telecommunications Act, No 103 of 1996;
- The Children's Act (No. 38 of 2005)
- The Devices to be used for Drug Testing and the Procedure to be followed (2008)

- The implementation Protocol between the Department of Basic Education and the South African Police Services on the prevention of crime and violence in all school (2011)
- The national Guidelines for the Management and Prevention of Drug Use and Abuse in all Public Schools and Further Education and Training Institutions
- The Policy Framework for the Management of Drug Abuse by learners in Schools and in Public Further Education and Training Institutions
- The Promotion of Access to Information Act no. 2 of 2000;
- The Promotion of Administrative Justice Act, no. 3 of 2000.
- The Rights and Responsibilities of Parents, Learners and Public Schools (2005);
- Vandalism to Property – 32/ 2009
- WCED Abuse No More Protocol
- Western Cape Education Amendment Bill of 2010
- Western Cape Education Provincial Act (WCPSEA) 12 of 1997

Abbreviations

WCED	Western Cape Education Department
DOCS	Department of Community Safety
SAPS	South African Police Services
DSD	Department of Social Development
SIGPM	Manager: Strategic Information, Governance and People Management
CM	Circuit Manager
DSSC	District Safe Schools Coordinator
RCL	Representative Council of Learners
SSC	School Safety Committee
OHS	Occupational Health and Safety

Western Cape Government
Education

ADDENDUM C

Stakeholders

South African Police Service

Metro Police

Law Enforcement

Provincial Disaster Management Centre

City of Cape Town Disaster Risk Management Centre

Department of Local Government

Depart of Social Development

Department of Community Safety

Directorate: IMG Advice and Coordination

Directorate: Inclusive and Specialised Education Support

Directorate: Infrastructure Planning and Management

Directorate: Curriculum GET and FET